IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE. — LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, JUNE 24, 1885. [No. 34.

ABALIMI NA BARWEBI.

E-MARKENI.

E.QONCE (June 23).

Inkuni, 5/ to 26/ ngeflara
Do. (ezicandiweyo), 8/3 to 17/ ngeflara Ihabile, 3/ to 5/2 ngekulu Irasi, eluhlaza, 1/1 to 1/11 ngekulu Indiza, 1/4 ngekulu Amazimba, 10/3 to 13/3 ngekulu Umbona, 10/ to 18/ ngekulu Ihabile ngenxowa, 11/9 to 16/9 ngekulu Irasi ngenxowa, 9/9 ngekulu Umgubo ngenxowa, 12/9 to 14/ ngekulu Itapile ezinyama. 6/7 to 8/7 ngekulu Amatanga, 4/4 to 6/9 nge dozen Amaqanda, 1/2 nge dozen Ibotolo, 2/ to 3/ ngeponti

E-RINI (June 22).

Ibotolo, 2/6 to 2/9 ngeponti Irasi, 13/9 to 16/6 ngenxowa Amaqanda, 2/ to 2/6 ngedazine Ihabile, 4/6 to 5/7 ngekulu Ihabile eyimbewn, 13/3 ngenxowa Itapile, 11/ to 12/ ngenxowa Inkuni, 20/ to 41/ ngeflara

E-KOMANI (June 23).

Ibotolo 1/6 to 2/3 ngeponti
Amaqanda, 1/ to 1/6 ngedazini
Amazimba, 30/ ngenxowa Umbona, 25/ to 26/ ngenxowa Irasi, 14/ to 15/ ngenxowa Ihabile, 6/ to 8/ ngekulu Itapile, 10/ to 13/6 ngenxowa Umgubo. 14/ to 15/ ngekulu Inkuni, 30/ to 45/ ngeflara

E-MONTI (June 23). Ibotolo, 1/11 to 3/3 ngeponti Amaqanda, 1/ to 1/6 ngedazini Itapile, 10/ to 10/6 ngenxowa Umgubo, 10/3 to 11/3 ngekulu Amatanga, 3/ ngedazini Inkuni, 5/ to 10/6 ngeflara Irasi, 9/ ngenxowa

E-ALIWAL (June 20). Ibotolo, 1/6 to 3/ ngeponti Irasi, 13/6 to 16/ ngenxowa Irasi, eluhlaza, 2|d to 5d ngesitungu Amaqanda, 2/6 to 3/ ngedazini Ihabile, 10/ to 13/ ngekulu Inkuni, 24/ to 65/ ngeflara Umgubo, 35/ ngenxowa Itapile, 14/6 to 16/ ngenxowa

Iveki

U FULENI (Mr. Fielding) obesakuba yi- mantyi yase Xesi ububе ngolwesi.Tatu. Ubengase Mantyi. Kwati kwakuvalwa i ofisi yemantyi yase Xesi wamnkeliswa ipen- shini kwa Rulumente.

ABAXASI belipepa ubangekenjenjalo bace- Iwa ukuba bayitumele kwangaleveki imali.

AMAPEPA ati u Mr. Jonathan Ayliff usafa akakabina kupakama elukukweni. U Sir John Molteno owayeye pesheya ngokunga- pili uncedakele kanye yena.

ABANGEKENJENJALO bayalezwa ukuba bayifinyelelise ku 30 June intlaulo yabo.

LNTLANGANISO yabafundisi bamahlelo onke iyakubase Qonce apa ngenyanga ezayo iqala ngo 2 ise ku 3 July. lyakonganyelwa ngu John J. Irvine, Esq. Ingxoxo ziyakundulu- Iwa ngu Rev. W. J. B. Moir, Rev. P. Jooste no Rev. H. Gutche nabanye.

KUTSHATE e Xesi, kwa Kama, ngolwesi- Tatu 17 June, u Mr. Paul Xiniwe, wase Bayi no Miss E. Ndwanya, intombi enci ka Mr. David Ndwanya walomzi. Ngamana u Mr. no Mrs. Xiniwe bangafumana imini ezininzi zokonwabisana. Banduluke ngolwesi-Ne ukubekisa kwikaya lomyeni e Nyara, apo bangasakuhlala kakulu kuba bengxamele "kwikaya labo e Bayi.

HLAULANI, nina bangekenjenjalo ukuze nilifunde ipepa ngapandle kwexala.

KUFIKE ngocingo ezokuba ngo Mgqibelo odluleyo kube kuko iduli pakati kwama Mpondo nama Baca emdeni. Kufe ama Baca amabini ase Tshungwana ; kubulewe ama Mpondo amahlanu. Imantyi yase Tshungwana kutiwa iposwe ngama Mpondo xa izama ukulamla. Idabi kutiwa bubusela obuhanjiswa yimpi ka Mbali.

IPALAMENTE yase Natal ivulwe yi Ruluneli u Sir H. Bulwer ngolwesi.Ne, 18 June, oludlulileyo, ilile ngokubandezeleka okukoyo.

ABANGA bangangena ekubeni ngabancedi. si belepepa mabawatumele kwangoku ama- gama nemalana abanayo, ukuze bayiqale kakuhle ikota ngo 1 July.

KUVAKALA ukuba onke amavalanti akwela Bahlambeli aza kuyekwa agoduke, kusale amajoni atile ayakuncedwa ngamapolisa ayakupatwa ngu Colonel Carrington.

MAKUNGABIKO bakotamileyo ekuhlauleni.'

INENE abati ngu Muller lase Lututu ngapaya ko Komani lingene entanjeni. Kutiwa litshise izindlu zalo lakubona ukuba liziqinisele kumabandla atile ancedisa abatshe- Iweyo kwixabiso le £8000.

IPEPA alinakuhanjiswa ungayitumelanga imali mfundi.

INQANAWA etwala indaba pakati kwe London neli ifike ngo Mgqibelo. Indaba eze nazo zite-ga kolwe 28 May. Ukunduluka kwayo kwakusate cwaka ngomcimbi wase Afghanistan, nakuba nkulungiselela imfazwe kwakusoloko kumi ngakunye. Ndaba zimbi zizipitipiti eke zako kumzi wama Frentshi e Parisi mhla kwakungcwatywa enye yamadoda ebandla le Com. munists apo. Kwenzakala into eninzi yabantu ngomhla lowo.

NGEVEKI engapaya kufunyanwe kwi *klem* zeqela lo Debea idayimani e karet zi 70 exabiso lizindlelwa kwi £2000.

KUKO inteto zokuba lo loliwe usinga e Dayimani angavulwa e Kimberley ekaya ekupe- leni ko October.

INGOZI kaloliwe ihle e Kapa nge Cawa engapaya. Ite inkosana yamajoni itsiba ekupambaneni kwendlela kaloliwe neyaba- ntu yabanjwa yimpumlo ye injini yenzakala kakubi. Ife iyure ezimbini emva koko.

IGWANGQA eligama lingu Kolmiet limiselwe ukulinda ijaji ngokubeka ilityе elikulu endleleni yololiwe ngase Fort Jackson elati lalanywa esekude ngabaqubi yamiswa.

INGQAKAQA ibikwa e Dayimani kwimingxuma yase mlanjeni. K iko indlu yabamhlope enaso isifo eso. Kuvakala ukuba akuko mizamo yenziwayo ukusincipisa isifo eso.

ULOLIWE oya e Alvani ulindelwe nkuba avulwe pakati kwenyanga ezimbini.

ISICAXAKAZI esitile e Kapa, intombi yomlungu, yenze imigudu emikulu ukuzibulala ngeveki engapaya. Itsibele elwandle yaku- bona ukuba ilunge nendawo enzulu. Sincediwe emva kwemikulu imizamo. Mzu- zwana emva koku sibanjwe sesizilantsha pantsi kwevili ye injini ebidlula.

Kwe Palamente yase Transvaal kwamnke- Iwe imvumelano ngemvisiswano egqitywe lulaulo Iwe Transvaal nclwama Jamani.

U MR. GLADSTONE wale enikwa yi Nkosazana igama lewonga lokuba abizwe ngokuba yi " Lord."

IPAKATI elikulu le Nkosazana u Lord Derbv latumela ucingo kwi Rulumeni ngo 28 May, ngendawo yokuba imikosi ipume kwela Bahlambeli, ze elo mhlaimbi inxenye yalo ipatwe yikoloni, kumiselwe amapolisa.

U SIR CHARLES WARREN usand' ukwenza inteto ate kuyo, nakuba kungaliwanga uzoyisile intshaba abetunyelwe ukuba aye kuziIwa. Oku kuyakuhlala kwakunjulwa zizo. Uciuga elo ukuba malenziwe ikoloni eyodwa angati u Rulumeni wapesheya ayixase nge £60,000 ngonyaka.

I RULUNELI yase Natal imise amadoda amahlanu ukuba abe yintlanganiso yokucinga into yokuba imiwe kangakananina imi. blaba enikelwe ngu Rulumeni wase Natal kubafundisi ukuba ibe yeyezikolo, nokuba isagcinelwe exonto yayicelelwe zonana.

SIVA ukuba kuko indodana entsundu efuna ukumisa i-ofisi yayo yobugqweta • Komani. Isimilo sayo siyanconywa. Asikayazi ngegama.

INCONYWA ubuncinane i-ofisi yemantyi yakwa Daliwe, siva ukuba iza kwandiswa kamsinyane.

SICELA amehlo kubalesi nkuba abekiswe kwisaziso esingokupeliswa kololiwe wango. kuhlwa.

INTLANGANISO yekomityi epete ibandla Io Manyano Ngemfundo imiselwe nkubase Gillton (kwa Bovula) ngo Mgqibelo ozayo.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESLTATU, JUNE 24, 1885.

INDLALA..

UCINGO luxela ezokuba kube kuko ingxoxo e Palamente engokufunelwa kwabantsundu indawo zokuma ekubeni abanye bendululwe ngokomteto omtsha we lali. Pakati kwalengxoxo u Mr. SPRIGG kutiwa ukanyele indawo yokuba kusitiwa abantsundu bayalamba, watsho wati nandawo bangalukangela kuzo uncedo ikwangamagqugula apete imizi ngemizi emelene nabantu abantsundu. Kambe lenteto sesite ize ngocingo—into eti amazwi iwenze izishunqu, angati kanti u Mr. SPRIGG akatetanga njengokuba kutiwa utete njalo : kuba tina sisiti yimfama yenyaniso ongaba akakuboni ukuswela komzi ontsundu ngezimini. Opikayo angake ahambele kwindawo ezinjengoma Ngqushwa, ema Tamara, ema Xesi singateti nto ngesingazibonelanga ngawetu amehlo ukuze abone intsizi abakuzo abamnyama ngenxa yendlala. Ixesha eli lonke amawetu ebelima kanye ngonyaka. Oko amaxesha ebesalungile, bengatengi zinto zininzi waupile ngapandle kokulila, xa singateti nto ngentwanantwana zempato. Ateke ngoku amaxesha anto yimbi. Amalanga awoyikekayo emi ngakunye. Abantsundu ke namhla batwele ubunzima obuhlala butwalwa ngabantu abalima ntonye ngonyaka nakwamanye amazwe, ekuti kwakutshabalala okukudla kanti akuseko nto yimbi baqamele ngayo—mabasebe bekisa umtyiso ezantsi. Lontoke ityatyamba ekucitakaleni kwemizi nentlalo yonke yoluntu iqale pantsi. Mayibe idlule esitandatwini iminyaka bebandezeleke ngakunye abantsu_ ndu bengazanga bavuna isivuno esizeleyo. Kubuhlungu kuti ukuti inxenye yabo ibingalilungiseleli inyakenye; nababelilungiselela badliwa zizihlobo eziti kuti bamnyama zakuva ukuba otile basadla zibakumbule ze ngoko zibakaulezisele ezintswelweni, ngoko ke kungabiko nto yokuxasa impilo. Lide lati Iona elilanga seloka lenze ngakunye leminyaka mitatu edluleyo labeta kwapela itemba ebantwini. Kuteke zakuna ezimvula kwabonakala ukuba bekungasakusala ne-akile ebingasakuhlwayelwa; kusweleke kodwa ingqolowa.

Ibe yenye yento ezibublungu kuti ukubona abanye abantu befumana bebopa inkabi ukuya kugelesha ukuze bamane ukuyakuqwakanisa bakufumana izikotilana zembeu bakufumana itiki ne sikisipeni ezitrateni. Yinyaniso abantu bayalamba. Kantike u Mr. SPRIGG uti lento ayinjalo ! Asikolwa ukuba kuko bani uyakulahlekiswa yilenteto. Ukuba namhla lendlala iyakuyekelwa ukuba itshayele ilali zabantsundu ngapandle kwemizamo yokubanceda abantu, sinokuyivisisa inteto ka Mr. SPRIGG, ebonakala iliqinga lenciniba yona iti yakupeleIwa xa izingelwayo iyingcwabe intloko entlabatini ibe isiti ayibonwa.

Tina bamnyama asituswa ngabo banga singayekwa sibube ukuze sifunde ngomso into eveliswa hubuvila. Yimilo yentliziyo yomntu ukwenjenjalo ngalo lonke ixesha ingekatanjiswa zimfundiso zasempefumlweni. Abo kodwa bafundise-Iwe ebu-Ngesini abasakubehle bayamnkele lemfundiso intsha. Mabancedwe kwangoku abantu ukuba kuko umnyinyivana wokuba bancedwe, bangafundiswake izifundo xa banikwayo unced' olo. Xa bancediweyo ngembeu bangaba nokukangela esivunweni abantu. Bekungalungayo u Rulumeni ebaboleke imbeu ukuze bati bakuvuna bambuyisele. Akusivumeli ukuzihambisa kakulu ingqondo kangangokuba sifike kwindawo yokuba azi bayakupila yintonina abantu kwezinyanga zizayo xa bangancedwanga.

Ngendawo yokuba abantu befane-Iwe ukuncedwa yimizi abamelene nayo singasuka siti asiyiboni ukuba yintonina engenziwa ngamadoda apete imizi.

Ikwaliqinga eli lokuwuqengqele kwamanye amagxa umsebenzi ka Rulumeni—amagxa angenakuwutwala.

Sesiyibalile lenteto ingentla ifikile ingxelo ezeleyo yale ngxogxo e Palamente. Kuyo siya vuyiswa ukufumana ukuba njengoko besisoyikela inteto ka Mr. SPRIGG ilahlekisiwe eku tunyelweni kwayo ngu REUTER (otumela indaba zocingo)-Eyake inteto ibi fanelekile ifanele indoda ewonga linjenge lake ne xesha etete ngalo. Ukuze ke ivisiswe inteto ka Mr. SPRIGG siyitabata nje ngoko injalo kwi pepa lase kapa *i-Cape Argus:—*

U MR. SPRIGG ute uyakolwa ukuba umnqweno welungu lase Monti (u Mr. Brabant) ibiknkucofa ufokoto Iwebandla, uyatemba ukuba uyakulitabata icebo lamadoda ukuba angayinyanzeli inteto yake (yokuba abantu abacitwe ezifameni zama Bulu bamelwe kufunyaniselwa umhlaba). lyakuba yinto engafanelekileyo ukuba abantu abantsundu banikwe itemba lokuba bona banokuwufumana baupiwe umhlaba. Mabacaciselwe ukuba bayakuwufumana ngokuwutenga. Lendlala kutiwa ibangwe ngumteto we Lokeshoni, ingaba nobunyaniso obutile lonto; kodwa iqinga likumagqugula eziqingata anokuti axele apo emazimiswe kona i Lokeshoni nasezifameni. Ke mababe abantu kwezi zitili abafuni ziko i Lokeshoni emihlabeni yabo yiyolonto bengatumelanga kwa Relumeni. lyabonakala indawo yokuba intswelo zinkulu kubantu abantsundu Emaxoseni, kodwa angalusizi ukuba into leyo ivakaliswe kulo lonke ukuba sebetshabalala, kuba oko kunganika igama elibi kwelo Bandla labo le Palamente nakweli lizwe kuba bengenzi imizamo yokunceda. Ingxelo zomantyi zisati liyeza ixesha elibi kwangapambi kokuba kuvunwe; u Rulumeni selete maze aziswe into ekuyiyo ngamaxesha ngamaxesha. Ukuba u Rulumeni ufumene nkuba makancedise ngembeu—njengokuba sekwenjiwenjalo kumafama elo langase Kapa—lonto uyakuyenza. Kodwa abantu mababe nento abayenzayo. Abangxamele ukumbandezela ontsundu: imigudu yabo kukumpata ngemfauelo, nokumnyusa.

Amanqaku.

KWINTETO yengqondo esekwe pezu kwahlulelana ngokucinga kwamadoda e Palamente, yenjenje ukuteta i *Cape Times* elinye lamapepa ase Kapa, esitetnbayo ukuba uyakutanda umzi ukuyiva lenteto : " Imbasa nobuugcwalisa bale Palamente sinayo, kukuba imvo zabantu bonke belilizwe zinokufunyanwa kuyo njengoko zinjalo. Inye into efunekayo ukubanga ukuba bafunyanwe benezwi bonke ngoku, kukuba kubeko ilungu elimnyama lesitili ngasinye esinabo kutiwa ngamagwangqa elilizwe "yivoti yengcawa." Oku kodwa kungumcimbi'oyakufezwa yimfundo nayiminyakana embalwa. Abamnyama bayakumelwa ngokuzeleyo e Paia mente xa batumele umntu wolwabo uhlanga "

KUKO umbali kwipepa lase Rini i *Journal* oti ungu " B." ote u Dr. Stewart wase Lovedale, kulanteto yake inkulu ingokunga- pumeleli kwemfundo yabantsundu, ubatengi- sile abona bantu abefanele ukubaxasa. Iti i *Journal* ukupendula ngamazwi esingena- kuwagxeka: "Tina asiyiboni indlela ekuti- wa ubatengise ngayo u Dr. Stewart abantu abantsundu. Maninzi ama Ngesi acinga ukuba u Dr. Stewart ubefanele ukubekwa ngokuzama iqinga lokuba imfundo yabantsu. ndu isekwe ezintweni abanokuzisebenzisa iyeke ukuhamba kwinteto zakudala nentonje zobulumnko. Elicebo lalilungile; asikolwa noko ukuba umhlambi otile wabantsundu senya kunqunyanyiswa ekuhambeleni pa- tnbili emfundweni yilonto, uze ngokwenje- njalo uzilungiselele ukukokela abantu bako. wawo ngengqondo ekanyiselweyo, singena kuwohlwaya kanjako lomhlambi ngokwenza lomigudu.

EBEKEKILEYO ijaji u R. Gregorowski, B.A. wase Free State ukwelakwa Moroko apo acedulula imfanelo zabantu kulomhlaba. Kupangelene nokufika kwake kwashicilelwa incwadi endala kwipepa lase Free State eliyi *Friend,* ebonisa ukuba umhlaba lowo ngowabafundisi base Wesile. I *Journal* etna- yibe iyawazi lomcimbi iti : " mhla yenziwa lemvumelwano ngo 1833 yayingekabiko i Free State, yabako sekukudala yenziwayo imvumelwano leyo. Lomhlaba ubonakala ngokuugati wawungasafunwa nga Besutu owatike u Mshweshwe waselewunikela kuba- fundisi umnikela kanye. Into engumanga- liso kukuba akubonakali ukuba abafundisi baka bawuzamelela amalungelo abo emva koko. Ngoku ngati ubangwa ngabantu baka Moroko, kodwa kumhlope ukuba ama Bulu e Free State aya kulikanyela ibango labo; kuba ngapaya kokuba umhlaba lowo ngowabo abanakuvelisa taitile yawo."

SIFUMANA ukuba abapati bololiwe abakenzi mnyinyiva malungana nabantsundu aba- hamba ngaye. Oku siknqonde koko site sakubona ngawetu amehlo malungana nen- kosikazi yomfundisi ontsundu wa peaheya kwe Nciba obevela e Lovedale ezaku kwela kuloliwe wakusasa ukuya e Dohne. Ute ukubona ukuba ubefike esixekweni ngepezolo kunzima nokuba afumane indawo yokulala kuba ihotel zabamhlope azibavumi abamnyama nababekekileyo wavukela kuloliwe ngo- mso olandelayo, ukusuka abe uyele ukuya kutyalelwa emva ngebaxa kuba engenaso isiqwengana sepepa lakwa Rulumeni esibo- nisa ukuba akanangqakaqa. Kute kuba kungeko yimbi itreni eyakusinga kwelocala imini yonke yayizole kude kube lolwanamhla kwabonakala efumane wanyakatisa kwelo- xobongo abekulo nalo lizele zindwendwe zedolopu. Ek' oko! ngalemini yayizolo yena ucinga ngesono salowo owamenza mnyama. Zinto ezinjengezike ezicapukisa umntu omnyama pantsi kwalombuso wama Ngesi elilizwe. Wonke umntu uyazi ukuba ingqakaqa isesemaqabeni, abasesikolweni ayiko kubo. Yinto endala le yokuba impi yelilizwe ingenakucalula, emayiti inkosikazi yomfundisi ontsundu itshayelelwe bucala enkunkumeni. Eyona nto irazula intliziyo kukuba lento ingazanga yaziswa ebantwini.

IMITETO emitsha engolaulo Iwapesheya kwe Nciba ebipambi kwe Palamente inike' Iwe kwiqumru elingu Mr. Upington, Mr. J" A. De Wet, Sir T. Scanlen, Mr. Sauer, Mr- Innes, Mr. Laing, no Mr. Du Preen. Sizazi ke imvo zeaininzi salamanene asinaxala lanto ngohlobo engati lomiteto ipume ilulo ukuba yoza ipume ezandleni zegqugula elo. Eku- hambisekeni kwengxoxo kufumanekile ukuba elixa lemiteto ibibanika lonto yokudlala iligqugula labantsundu ibibavalela kanye ukuba bangabibavoti bapalamente, kuba kungeko mntu unokuvotela ipalamente uhlaula irafu yendlu onjalo makavotele Ibandla Labantsundu. Kantike kwelo lapeshe- ya kwe Nciba abantsundu abahlauli mali yimbi ku Rulumeni ngapandle kweyezindlu kuba umhlaba awucandiwe.

ABALESI betu babonile kwingxelo ekwelidluleyo ipepa ukuba umteto omtsha wepasi uyekiwe; ngesizatu esibonakalayo ukuba " ubuza kupitizelisa abantu abantsundu" njengoko asixeleleyo no Mr. De Wet. Abo bakucasileyo konke ukubandezelwa kwetu bebenikwa intloko yembila kanti kulandawo benziwe kuyo amaqela abantsundu. Ukuba ubupumelele, umntu ontsundu ubengasaku- hlala napina engenapetshana lakomkulu esandleni: engenalo usicenge sencolongo okanye sokuba angawupefumli napina umo- ya ka Tixo ngapandle kwayo, ngabula Mr. Leonard. Ubuse ubotusile abamnyama ubuyiswa umvanje. Into esiyipikayo yileyo ate u Mr. De Wet abantu bapitizeliswa nga- mapepa endaba. Ide i *Cape Argus,* ipepa lase Kapa, imbonise ukuba seloko tina si- mxasile side sapuma endleleni yetu saya kumncoma. Simcoma tina u Mr. De Wet kuba simbona ehleli emendweni ka Mr. Sauer wokungapitizelisi abantu, sisaya ku- mncoma xa ayakwenjenjalo. Xa simbona epambuka siyakumcebisa. Sesenjenjalo ngokumayela kwimiteto engelakwa Pini nenge Pasi.

I Cape University.

Ezingxelo ngehambiseko yoviwo main, ngana nebandla lemfundo epakamileyo zibo- nakele kumapepa ase kapa ngo Mgqibelo odluleyo.

Survey Examinations, 1885.

GPA Phillips, St Andrew's College, Graham's Town.
C W Evans, St Andrew's College, Graham's Town.
B Tucker, Diocesan College, Rondebosch.
R A Fletcher, St Andrew's College, Graham's Town.
A Webster, St Andrew's College, Graham's Town.
C ABERCROMBIE SMITH, Moderator.
Ababengenele oluviwo babelishumi linesi- tatu.

INTERMEDIATE EXAMINATION IN ARTS, 1885.

Honours.

1 E G Little, S A College.
2 T Rein, Panmure Grammar School.
3 S B Morgenrood, S A College.
4 L J C Titterton, Grey Institute, Port Elizabeth.
5 F Purcell, S A College.
6 G Shaw, St Andrew's College, Graham's Town.

Pass.

7 E W Dains, private study, King William's Town.
9 C A Kitching, South African College.
8 R U Moffat, St Andrew's College, Graham's Town.
10 H Jones, Diocesan College, Rondebosh.
P Reynolds, South African College.
11 R W Close, South African College.
12 H L Malherbe, Stellenbosh College.
(D G B Malherbe, Stellenbosch College.
13 (DA Pauw, Stellenbosch College.
(J B Kayser, private study, Cathcart.
(G Hagen, Panmure Grammar School.
16 G P Ferguson, private study, Wellington.
P L le Roux, Stellenbosch College.
18 • C F Tainton, private study, Riversdale.
19 · J F Kirsten, South African College.
, (J Locke, private study, Graham's Tn.
20 ' (H 8 Wood, Dale College, K W Town.
21 C ABERCROMBIE SMITH Moderatorg
J CAMERON,
Ababengenele oluviwo ba 56.

Ezababaleli.

UKUBUBA KUKA MR. J. TONDINI.

Sibika ngosizi olukulu ukububa kuka Mr. James Tondini, Umkokeli wase Tshungwana (Mount Frere). Umfi lowo yindoda eminyaka 24 ngalo yasishiyayo ngawo esilwela inkosi; wazinikela e Mgwali (Clarkebury) engumfana oseleze- kile, wafuduka apo weza e Bencuti (jshaw- bury), wabuya wafuduka apo weza e Sebeni, wesuka apo weza kuma apa e Tshungwana. Kwezindawo zonke umfo lowo uhamba nekaka le Nkosi yake aha- mba ehlanganisa ngalo; namhlanje uwele eluhlwini njengendoda.

Ite Inkosi yake akutika apa e Tshungwana yampa ubutyebi benkomo, ama- hashe, inqwelo, igusha nozibokwe, nezi- nye izinto ezonwabisa umzimba nompe- fumlo kwelilizwe lasemzini. Site isicaka sika Yehova sakubanazo ezizinto sanqo- ma ngazo abantu; saza ezinye sazisisa, saye ngoko sinceda abantu. Ngenxa yo- kukatalela kwake amahlwempu, abahlo- lokazi, inkedama nabasweleyo ubesele ngati uyinkosi, kuba ubesiti umntu oswele into aye kuye, alike ayizuze lonto. Namhla uyabonakala ukuba wayenelizwi umfi lowo eliti esifubeni sake: kumbula amahlwempu, inkedama nabasweleyo (I. Timoti, vi. bayaleze abazityebi kulomhlaba); (Imizekeliso xix. okedamela amahlwempu). Enye indawo ngumfo obeselete ngenxa yeliso nenkatalo ngenxa yomntu wanga usisibonda apa, ide ima- ntyi nomfundisi, amakosi nabantu bafa- na ukumbeka ukuba abe sisibonda, wala akabuvuma; kuti pezu koko walowo ngapakati wazibekela u James Tondini ukuba makabe sisibonda—zati nendaba zesikalo zatutwa kuye yimantyi nomlu- ndisi, ngumginwa nomkrestu. Kute kumatyalatyalana esikolo amancinane angafanele kuya mantyini, kuti kwaku qubisana amadoda ebandla, ange akako umfo ka Mkiva, kanti ufuna inyaniso,

bati besaxomene ngekete losityebi, noli- blwempu, inkedama nonoyise, umginwa nom-krestu, (akuko apo kungeko kete) avele umfo ka Mkiva alahle osityebi xa angenanyaniso. nolihlwempu xa angena- yo, njalo-njalo. Namhla isikolo sakuti siyakulaulwa ngekete, umginwa uyakufa, ihlwempu liyakuzibonela, inkedama ayi- kuba nabani; utshonile usozinkedama, mandiyeke ngalamazwi ati:—

" Akunalusizi kufa
" Akunakucengwa,
" Bubuninzi benyembezi
" Akunakupazanyiswa."

Ukugqibela manditi, akanelanga zinko mo, zinqwelo, ngamahashe, zigusha ne bokwe, nobunye ubutyebi belilizwe: ite kanti intliziyo yake ililela ubutyebi obu- lityelweyo yinxalenye yabantu abangabahambi njengaye, ubutyebi bonapakade, (Mateyu vii. ziqwebele indyebo ezulwini. Umfi lowo ugule ishumi lenyanga, kwi- nyanga zontatu zokuqala, kubonwe kusisa kusiblwa, kwati ngeyesine kwa- tekiwa, wada wasiwa e Mtata kumagqira amagwangqa, wabuya e Mtata esekwanja- lo engabambekanga kakulu ehamba-ha- mba pandle, bada nabantu baya emisebe- nzini yabo.

Kute ngolwesi-Bini 2 June 1885 yava- Kala isitsho injengele enkulu ukuti elu- satsheni Iwayo, kanipume, ndifuna uku- hlala ndodwa, bapumake, waseletuma kwaoko umkake ukuba makuyokubizwa unyana wake omkulu u John, wafika ukutshona kwelanga. Bangenake bonke abantu ; lavakala *iqaji* elikulu, eliminya- ka imashumi 24 lisilwa elidala, lati: lu- sapo, ndiyanishiya, ndiyagoduka, zeni- gcinane nide nahlulwe kukufa. Wati ku John, unyana wake, John, uzugcine amahlwempu, njalo-njalo; okoke sekuse sandleni sika John Todini, wozibonela naye imfanelo yake.

Uwele eluhlwini njenge njengele umfo wasema Beleni, ufele einsebenzini we Nkosi yake, ekwiminyaka emashumi (50) ave kude ubudala bake. Isifundo esisi- fundayo sakucinga ngaye ubawo lowo, sesokuti makungabiko namnye obudela- yo ubuncinane bake, ze kube ngumzeke- 10 wabakolwayo, ngenteto, ngehambo, ngentado, ngomoya nange ukolo.

Ndixolele Mhleli ngokutata indawo engaka.

Ndim owako wonapakade

M. KINASS.

IYNOZULEL' UNDOFA NAYE. Peelton, 20th June 1885.

NKOSI MHLELI we *Mvo Zabantsundu,*—Kaundifakele lomazwana kwelopepa lamanene akowetu, nakubeni ndifumane ndabala ndingazanga ndalibalela elipepa lamanene—ke noko ndoka ndiqotoqotoze ngendikubone apa e Ncemera ngomhla we 16 June 1885. Sasibonela ukubandaka- nywa kuka John M. Magwanya no Maria Ngcombela, bebandakanywa kumtshato ongcwele. Babandakanywa ngu Rev. R. Birt, walapa ; kwavulwa ingcango zetya- like, Emva ko 9'30, kwaqala kwaya kunge- na abayeni, kwati emva kwexeshana wagaleleka umyenikazi nabamngqongileyo abantu ababeko babekufupi ekulwini— ababoneli bodwa kwakuko no Mrs. R. Birt, no Miss Turner, umncedisikazi ka Miss Sturrock. Wawukupa u Mr. Birt kwangexesba elifupi, baqokozake abantu ukuya ezidlweni; ekute emva kwedinala wagaleleka u Rev. W. B. Rubusana—wafika waposa amazwi eziyalo ebushushwini obukulu kunene—wawapeta amazwi ake ngomtandazo onandipisayo. Sambulela kakulu kanye ezintliziyweni u Rev. W. B. Rubusana ngesosenzo sake. Wapela owalomini umsebenzi. Kwati ngemini elandelayo 17—kwahlanganiswana kan- jako ukuza ebulakufesini (breakfast) yokuza kuqekezwa kwesonka somtshato (wedding-cake), ekute emva kwezixaso ezininzi, safika kaloku inkabi zakwa Ngqi- ka zaposa amazwi eziyalo kumyeni nakumyenikazi; ezati iziyalo zakokelwa ngomtandazo ngu Mr. M. Xoli ; wafika u Mr. Xoli waposa amazwi amnandi kunene ebonisa ukufaneleka kwendoda yakumta- nda umfazi wayo. Emva kwake kwesuka u Mr. Mono, wafika wabonisa ukuba abantu abatsha abasafanelwe ziyalo, kuba incwadi ye Lizwi (Bible) isezandleni zabo —wafika wagqiba ngeliti, ze nikule Enko- sini. Wesuka u Mr. M. Magwanya, wafika wabonisa ukuba lento ingumfazi inje- ngesityo esixonyiweyo. Emva kwake kusuke u Mr. P. Hala, wafika waposa amazwi ashushu, ebonisa ukuba nina ani- sengabo abobumnyama, nina ningaboku- kanya, ze nigcine Izibalo (Bible) zizo ezo- nikokela; wapetwa owalomini umsebenzi ngomtandazo oyalayo nokokelayo ngu Mr. Tokwe Venna—esitike, tina banye abantu uze uhlale kantle nondofa naye wako, omkete pakati kwamakakakaka eli- lizwe ; nanga ningahlala ixa elide, nobom obumuandi.

Ndisicaka sako esitobekileyo

ELIJAH E. BAKACO.

ABANTSUNDU BASE SOMALASETI. Somerset East, June, 1885.

NKOSI YAM ETANDEKAYO,—Ndiyaku- bongoza ukuba uke uti jwaxa lamazwana am angewanto, kwelopepa lako lidume kunene lawo onke amanene ohlanga Iwa- kowetu, Mhleli obekekileyo amazwi endifuna ukuwateta awa namfundiso kaNkulu, kodwa noko ndingavuya uwa- fake epepeni lako elo limnandi kakulu, mhlaimbi onengqondo angamnika okungapezulu. Ndifuna ukukwazisa nge- ntlobo-ntlobo *zonyileyo* ezibe ziko apa, ukususela kumhla we 4 ka June, (Con- certs).

